



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2023

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2



Olu viwo lunamaphepha ali-15.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)

ICANDELO B: Isishwankathelo (10)

ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A: Imizuzu engama-45

ICANDELO B: Imizuzu engama-20

ICANDELO C: Imizuzu engama-55

9. Bhala ngokucekileyo nangokucacileyo.



ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA


UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

NASEBUMNYAMENI YIBA NOBOMI

- | | | |
|---|--|----------|
| 1 | Abemi boMzantsi Afrika bajongene nengxaki entsha yocimo lokonga umbane (<i>load-shedding</i>). Akubonakali ngathi yingxaki eza kukhawuleza iphele, bube bona ubomi babantu kufuneka buqhubekile. Yiyo loo nto kubalulekile ukuba umntu ngamnye abe neendlela zokuyilungiselela le ngxaki ukuze ubomi bakhe bungemi. | 5 |
| 2 | Uthi usahleli, usuke uthi cimi umbane, ushiyeke usebumnyameni. Kubi ke oko kuba wonke umntu ufuna ukukhanya. Kuyinyani ukuba ngexesha locimo lokonga umbane kuma yonke into, ngakumbi xa ungalulungiselelanga. Omnye umntu uye atsibele iselula fowuni yakhe akhanyise ngayo kodwa nayo ingamshiya ebumnyameni kuba itshajwa ngombane. Icebo kukuba abantu bazame ukuba neelanteni ezisebenzisa amandla esola, kungenjalo izibane ezikhulu neethotshi ezisebenza ngebhetri. | 10 |
| 3 | Amakhandlela nawo aluncedo, kwaye ngawona asetyenziswa kakhulu kuba ayafikeleleka kumntu wonke ngenxa yexabiso lawo eliphantsi. Akakhanyisi ngokuqaqambileyo kodwa akufani nokuhlala ebumnyameni. Ukuzikhusela kwingozi enokwenziwa likhandlela kukuqinisekisa ukuba akulishiyi livutha okanye ulale ungalicimanga. Zikho nezibane ezitshajwa ngesola umntu anokuzithenga. Ulwazi ngazo luyafumaneka kwiiwebhusayithi. Okubalulekileyo kukuba kwakumka ukukhanya okuza ngombane, masishiyeke sisekukhanyeni. | 15
20 |
| 4 | Xa ungekho umbane, zonke izinto ezisebenza ngawo, zifana nezihombiso kuba azisebenziseki. Phakathi kwazo kungabalwa iithivi, iireyidiyo, izitovu, iibhalbhu zokukhanyisa kwanoomatshini bokuhlamba. Ikho indlela ongancedakala ngayo ukuze zisebenze ezinye zazo. Ungazithengela ijenereyitha elilalela esebenza ngebhetri, kuba ijenereyitha esebenzisa ipetroli, yakuphela ipetroli, nayo iyacima. | 25 |



5 Kukho intetho ethi, 'esinamandla sesityayo'. Nokuba umbane ucimile, isisu sona asithuli, siyathetha. Singabantu kubalulekile ukuba sitye ukuze imizimba ifumane amandla okumelana nemisebenzi yemihla ngemihla. Umntu unokuzizamela igrili okanye isitovana esisebenza ngegesi esiza kumnceda ekuphekeni. Enye into umntu anokuyenza kwicala lokupheka, kukusebenzisa umlilo weenkuni okanye owamalahle. Ukusebenzisa isitovu seenkuni njengesifudumezi, endaweni yesifudumezi separafini kungamnceda umntu onge imali. Ngoko ke umntu angazenzela iziko. Kwangexesha lakudala, abantu babencedwa kukutya okugcinwa ezitotini xa bengenandlela yozikuphekela. Ngelinye ixesha batye iziqhamo ezomisiweyo okanye inyama eqwayitiweyo. Inyama neziqhamo ezomisiweyo nokutya okusezitetini akukhawulezi konakale. 30 35 40

6 Ngelinye, into enokulunceda uluntu loMzantsi Afrika kule meko yocimo lokonga umbane kukukhangela amacebo okumelana nayo. Kufuneka umntu ahlale ezungiselele ngendlela akwazi ngayo. 45

IGLOSARI NENGACISO:

Iziko – yindawo yokubasa umlilo.

Isifudumezi – yihitha (heater).

Elilalela (back up) – ebekelwe ukusetyenziswa xa koyisakele/kuphele leyo isetyenziswayo

[Sithatyathwe ku-www.bing.com saze saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

JONGA KUMHLATHI 1

1.1.1 Xela ingxaki abajongene nayo abemi boMzantsi Afrika ngokwalo mhlathi. (2)

1.1.2 Kuthiwa yintoni enokwenziwa ngumntu ukuze ubomi bakhe bungemi ngexesha locimo lokonga umbane? (2)

JONGA KUMHLATHI 2

1.1.3 Chonga amagama amaTHATHU alandelelanayo kwesi sivakalisi, athetha ukuba umbane umka kungalindelekanga. (2)

'Uthi usahleli, usuke uthi cimi umbane, ushiyeke usebumnyameni.'

1.1.4 Xela zibe MBINI iindlela abanokukhanyisa ngazo abantu xa umbane ucinyiwe. (2)

JONGA KUMHLATHI 3

1.1.5 Nika isizathu sokuba amakhandlela abe ngawona asetyenziswa kakhulu. (2)

1.1.6 Xela ukuba lufumaneka phi ulwazi ngezibane ezitshajwayo. (1)



JONGA KUMHLATHI 4

1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Igama 'nayo' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi libhekisa ...

- A kwikhandlela.
- B kwisibane.
- C kwipetroli.
- D kwijenereyitha.

(1)

JONGA KUMHLATHI 5

1.1.8 Ithetha ukuthini le ntetho ilandelayo?

'... esinamandla sesityayo.' (2)

1.1.9 Kubaluleke ngantoni ukuba imizimba ifumane amandla? (2)

1.1.10 Yintoni enokumnceda umntu ukuba onge imali ngokwalo mhlathi? (2)

1.1.11 Ngqina ukuba nakudala kwakubanceda abantu ukutya okugcinwa ezitotini. (2)

JONGA KWITEKISI YONKE

1.1.12 Emva kokufunda esi sicutshulwa ingaba Uyavumelana/ Akuvumelani nokuthethwa sisihloko saso? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.13 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Esi sicutshulwa sibhalelwe (ukucenga abantu/ukudlulisa ulwazi). (2)



1.2 Qwalasela lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Uthatyathwe ku-www.pinterest.com]

- 1.2.1 Xela izinto zibe MBINI ezikulo mfanekiso ezisetyenziselwe ukukhanyisa igumbi. (2)
- 1.2.2 Kubonisa ntoni ukubakho kwencwadi evuliweyo kulo mfanekiso? (2)
- 1.2.3 Yintoni injongo yomfoti ngalo mfanekiso? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa simalunga nezinto omawuzenze ukuze umsebenzi wakho wesikolo ungaphazanyiswa yingxaki yocimo lokonga umbane.

Bhala isishwakathelo NGEZINTO OMAWUZENZE UKUZE UMSEBENZI WAKHO WESIKOLO UNGAPHAZANYISWA YINGXAKI YOCIMO LOKONGA UMBANE.

IMIYALELO:

1. Bhala iingongoma EZISIXHENXE.
2. Sebenzisa amazwi akho kangangoko unakho.
3. Iingongoma zakho zinombole ukusuka ku-1 ukuya kwi-7.
4. Bhala ingongoma nganye kumgca omtsha.
5. Ushwankathelo lwakho oluneengongoma ezisixhenxe MALUNGADLULI KUMAGAMA ANGAMA-50.
6. Bonisa INANI LAMAGAMA OWASEBENZISILEYO EWONKE kwizibiyeli ekupheleni koshwankathelo.

ISICATSHULWA C

KHANYISELA IMFUNDO YAKHO

Ucimo lokonga umbane lwenza ukuba kube nzima kwabanye abafundi kuba luyabaphazamisa ekwenzeni umsebenzi wabo wesikolo. Kubalulekile ukuzama ukuba sikhawulelane neemeko esikuzo singabafundi. Xa ungumfundi naku onokukwenza ukuze ukwazi ukuwuqhuba umsebenzi wakho wesikolo:

Zama ukufuna ulwazi ngeshedyuli yocimo lokongiwa kombane yendawo ohlala kuyo. Oku kukunika ithuba lokucwangcisa umsebenzi wesikolo kwangethuba.

Qiniseka ukuba izixhobo ezisebenza ngombane zihlala zitshajiwe, zigcwele. Oku kuya kukunceda ukuba ukwazi ukuzisebenzisa kwakucinywa umbane.

Mazihlale zikufutshane nawe izikhanyisi ezingasebenzisi mbane. Zininzi kwaye ziziindidi izikhanyisi ezingasebenzisi mbane, nokuba ezinye zazo zingakhanyisi njengawo.

Sebenzisa ukukhanya kwendalo ngokusebenza ngexesha lasemini. Ungakwenza oku ngokuzikhethela indawo engenisa imitha yelanga. Umzekelo, ecaleni kwefestile, kungenjalo usebenzele phandle.

Funa ulwazi kwimithombo engasebenzisi mbane, xa wona usacinyiwe. Ewe kuyindlela elula ukukhangela ulwazi kwi-intanethi kodwa oko akuthethi ukuthi iincwadi azinakukunceda.

Cela ukusebenzela kumakhaya ezizalwane ezisenombane ngokweshedyuli. Loo nto ilula xa uwazi amaxesha okucinywa kombane weendawo ezihlala kuzo.

Umsebenzi wesikolo wenze wonke kuselithuba, ungalindi umzuzu wokugqibela. Ukuwenza sele kungumzuzu wokugqibela kungakufaka engxakini yokucinywa kombane ungekagqibi.

Iimeko esiphila kuzo akufuneki sizivumele ziphazamise ukufunda kwethu. Kubalulekile ukuba sizame ukuliqaqambisa ikamva lethu nokuba kunzima.

[Sithatyathwe ku-www.chatgptonline.com saze saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D

cello **MAXRITER™**
BALLPOINT PEN

**YIVA
UKUBHALA
OKUNTOFONTOFO
NGAYO!**

Inesiqwana
esilula.

**ELASTO
GRIP**

Ngama-58.00
nye.

THE JOY OF WRITING!

Ifumaneka: [amazon.in](https://www.amazon.in) | [Flipkart](https://www.flipkart.com) nakwivenkile ezinkulu
zaseMzantsi Afrika.

linkcukacha zonxibelelwano: cello@marketing.com/www.cello.market

[Sithatyathwe kwi-www.advertgallery.com saze saguqulelwa uviwo]

3.1 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwesi sibhengezo-ntengiso kuthengiswa (isevisi/imveliso).

(1)

- 3.2 Chonga isilogani sale ntengiso. (1)
- 3.3 Xela igama lenkampani ethengisa le peni ikwesi sibhengezo-ntengiso. (1)
- 3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
Ibinzana, '... ukubhala okuntofontofo ...' lisetyenziselwe ...
A ukugxotha umthengi.
B ukuqhatha umthengi.
C ukufundisa umthengi.
D ukutyhafisa umthengi. (1)
- 3.5 Sisixelela ntoni ngale peni esi sivakalisi silandelayo?
'Inesiqwana esilula.' (2)
- 3.6 Nika zibe MBINI iindlela anokuzisebenzisa umthengi xa efuna ukuthenga le peni. (2)
- 3.7 Ingaba esi sibhengezo-ntengiso singakwenza ukuba ufune ukuyithenga le peni? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]**



UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E



[Ithatyathwe kwi-careeronspotnet, yaguqulelwa, yaze yahlelwa]

- 4.1 Yintoni le athi ayisebenzi uZuko? (1)
- 4.2 Xela zibe MBINI izinto abonakala ngazo uZuko ukuba uyacaphuka. (2)
- 4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Igama, 'Hay' bo!' elikwintetho kaZuko libonisa ...

- A ukukhathazeka.
- B ukucinga.
- C ukothuka.
- D ukuvuya.

(1)

- 4.4 4.4.1 Lithathwe koluphi ulwimi igama, 'TV' elikwintetho kaLeo? (1)
- 4.4.2 Bhala igama, 'TV' ngesiXhosa. (1)
- 4.5 Kutheni uZuko engacinganga ukuba inokuba yiplagi ye-TV engafakwanga eyenza irimowuthi ingasebenzi? (2)
- 4.6 Uyavumelana noluvo lokuba le khathuni ibonisa kuba abantu iyabakhathaza into yokumana kucinywa umbane? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]**



UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA F

UMBANE UYASINCEDA

Umbane uyabuguqula ubomi babantu kuba ubangela ukuba ibe lula imisebenzi **yabo** yemihla ngemihla. Ngaphandle kokusinika ukukhanya, umbane uyazikhawulezisa izinto kwaye uyayiphucula intlalo yabantu. Kuphucuka ezempilo ngokubakho kombane osisigxina, ukulungiselela ukusebenza kwezixhobo namaziko ezempilo. Imfundo nayo iyaguquka ngokuthi ikhuthaze ukufunda nokwenza uphando kusetyenziswa ubuchule betekhnoloji. Ngenxa yombane, kufikeleleka lula kwimithombo eyahlukileyo yolwazi. Unxibelelwano nokwazana kwabantu kwilizwe liphela luyanda. 5

Loo nto iphucula nothethathethwano phakathi kwabantu. Kwelinye icala noqoqosho luyakhula kuba umbane ukhulisa imizi-mveliso evulela abantu amathuba emisebenzi. Ukukhula kwezoqoqosho kwandisa neemveliso ezintsha kwanamandla ombane ozakhayo. Lilonke, umbane uyingqweloyenkqubela-phambili, ukwanyusa izinga lobomi bomntu ngamnye kweli lizwekazi iAfrika. 10

[Sithatyathwe ku-www.fundi.co.za saze saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

5.1.1 Nika isininzi segama, 'umbane' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

5.1.2 Bhala amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo abe kwisinye.

Abantu, izilwanyana, kwanto nje, iguqukelwe bubomi yindaba yocimo lombane. (2)

5.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
 Igama, 'yabo' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa libhekisa ...

- A kubantu.
 - B kumbane.
 - C kwimisebenzi.
 - D kwimihla.
- (1)

5.1.4 Khetha isibizo esiyintloko (intloko) kunye nenjongosenzi kwesi sivakalisi silandelayo.

Umzekelo: Umfundi ubhala iimviwo zakhe.
Impendulo: Isibizo esiyintloko – Umfundi.
Isibizo esiyinjongosenzi: iimviwo.

Umbane uphucula intlalo yabantu. (2)



5.1.5 Fakela iimpawu zobhalo ezishiyiweyo kwesi sivakalisi silandelayo.

Kuphucuka impilo intlalo nobomi (2)

5.1.6 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo elandulayo.

Umzekelo: Umfundi ubhala incwadi.

Impendulo: Umfundi akabhali ncwadi.

Imfundo nayo iyaguquka. (2)

5.1.7 Bhala isimelabizo soqobo endaweni yesibizo esikwesi sivakalisi silandelayo.

Ilizwe liyanda. (1)

5.1.8 Chonga isimelabizo sokukhomba (isikhombisi) kwesi sivakalisi silandelayo:

Le nto iphucula nothethathethwano. (1)

5.1.9 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha eladlulayo.

Umzekelo: Izikolo ziyavalwa.

Impendlo: Izikolo zavalwa.

Loo nto i yaphucula. (1)

5.1.10 Xela umsebenzi wesimamva u-kazi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

Kweli lizwe kazi iAfrika. (1)



5.2 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



ISICATSHULWA G



Uthatyathwe ku-www.pinterest.com waza wahlelwa]

5.2.1 Dibanisa izivakalisi ezibini ezingezantsi ngegama elikwizibiyeli.

Umzekelo: Umntwana uvala iifestile. Umntwana uyagodola (kuba)

Impendulo: Umntwana uvala iifestile kuba uyagodola.

USipho unceda uLili. ULili ukhanyisa ibalbhu yesibane (ukuze). (2)

5.2.2 Bhala esi sivakalisi silandelayo ulungise igama elikwizibiyeli ukuze sinike intsingiselo evakalayo. (2)

ULili uhleli (amagxa) kaSipho.

5.2.3 Lungisa iziphene zopelo kumagama akwisivakalisi esilandelayo.

Undichedile ngokudinyusa. (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2023

SIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 80

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-9.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

IMIGAQO YOKUMAKISHA UVAVANYO LOKUQONDA

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kukuqonda, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpindulo kumele zingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ukuqonda. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa olunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, loo magama mawangananzwa, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukumohlwaya. Ukanti ke, ukuba igama elisetyenzisiweyo lisuka kolunye ulwimi kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa**, akukho manqaku anikwayo kwiimpindulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpindulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/Ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuqwalaselwe.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
6. Ukuba kufunwa iimpindulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini okanye amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala**.
7. Kwamkele ukusetyenziswa kweelwimi zengingqi ezahlukileyo.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

- 1.1 1.1.1 Bajongene nengxaki yocimo lokonga umbane.✓✓ (2)
- 1.1.2 Kukuba abe neendlela zokuyilungiselela ingxaki yocimo lokonga umbane.✓✓ (2)
- 1.1.3 ... uthi cimi umbane✓✓/ usuke uthi cimi.✓✓ (2)
- 1.1.4 Kukusebenzisa iselula fowuni✓/iilanteni ezisebenzisa amandla esola✓/izibane ezikhulu ezisebenza ngebhetri✓/iithotshi ezisebenza ngebhetri.✓
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.5 Kungokuba afikeleleka kuye wonke umntu✓✓/kungokuba afumaneka ngexabiso eliphantsi.✓✓ (2)
- 1.1.6 Lufumaneka kwiwebhusayithi.✓ (1)
- 1.1.7 D✓/D kwijenereyitha✓ kwijenereyitha.✓ (1)
- 1.1.8 Ithetha ukuba ngumntu otyayo obanamandla✓✓/ukuba umntu kufuneka atye ukuze abe namandla✓✓/umntu amandla uwafumana akutya✓✓/umntu ukuze abe namandla makatye✓✓/ukutya kwenza amandla emntwini.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.1.9 Kubaluleke ngokuba imizimba itsho ikwazi ukumelana nemisebenzi yemihla ngemihla.✓✓ (2)
- 1.1.10 Kukusebenzisa isitovu seenkuni njengesifudumezi endaweni yesifudumezi separafini.✓✓ (2)
- 1.1.11 Kunjalo, kuba kuthiwa babencedwa kuko xa bengenandlela yokuziphekela.✓✓ (2)
- 1.1.12 Ndiyavumelana naso, kuba sithi 'nasebumnyameni yiba nobomi' kwaye zixeliwe iindlela umntu angazinceda ngazo ukuze athi nokuba kucinywe umbane kumnyama, akhanyise, ubomi bakhe bungemi✓✓/kuba zixeliwe iindidi zezikhanyisi anokukhanyisa ngazo umntu ukuze ngexesha locimo lokonga umbane angaxakwa, aphele emelwe bubomi.✓✓

OKANYE

Andivumelani naso, kuba akululanga kumntu wonke ukufikelela kwizikhanyisi ezingeyiyo ingozi ezixeliweyo kuba ngenxa yokuba amakhandlela eyingozi abanye abantu bayoyika ukuwasebenzisa, ngoko ke baphela behleli ebumnyameni.
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

- 1.1.13 Sibhalelwe ukudlulisa ulwazi.✓✓ (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

UMBUZO 1.2

OKUBONWAYO

- 1.2 1.2.1 Yifestile✓ nekhandlela✓/ ukukhanya kwendalo✓/inyanga.✓ (2)
- 1.2.2 Ukuba kukho umntu obeyifunda✓✓/ kukho umntu oza kuyifunda✓✓/ kukho umntu olungiselela ukufunda✓✓/ukho umntu oza kwenza umsebenzi wesikolo✓✓/kukho umntu obesenza umsebenzi wesikolo✓✓/kukho umntu obeyisebenzisa.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.2.3 Kukubonisa iingxaki ababakuzo abafundi ngenxa yocimo lokonga umbane xa besenza umsebenzi wesikolo✓✓/kukubonisa ubunzima obufunyanwa ngabantu ngamaxesha okucinywa kombane✓✓/ ukuba nokuba amakhandlela akhona akakhanyisi ngokuqaqambileyo✓✓/ukuba ucimo lokonga umbane luchaphazela ikamva labantwana✓✓/ukuba zikho iinzame zokukhanyisa abanokuzenza abantu xa kucime umbane ukuze ubomi bengemi.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha ushwankathelo

- **Ulwabiwo-manqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
 - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
 - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
 - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
 - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Akunikezwa manqaku olwimi.
 - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa inqaku eli-1 lolwimi.
 - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa amanqaku ama-2 olwimi.

QAPHELA:

- **Ifomathi:**
 - Nokuba isishwankathelo asilandelanga fomathi echanekileyo makanganyityelwa manqaku umviwa.
- **Ubalo-magama:**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO		IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO	
1.	Zama ukufuna ulwazi ngeshedyuli yocimo lokongiwa kombane yendawo ohlala kuyo.	1.	Khangela ulwazi ngeshedyuli yocimo lokongiwa kombane yendawo yakho.
2.	Qiniseka ukuba izixhobo ezisebenza ngombane zihlala zitshajiwe, zigcwele.	2.	Qiniseka ukuba izixhobo zombane zisoloko zigcwele.
3.	Mazihlale zikufutshane nawe izikhanyisi ezingasebenzisi mbane.	3.	Mazingabi kude kuwe izikhanyisi ezingezozombane.
4.	Sebenzisa ukukhanya kwendalo ngokusebenza ngexesha lasemini.	4.	Sebenzisa ixesha lasemini kusakhanyise indalo.
5.	Funa ulwazi kwimithombo engasebenzisi mbane, xa wona usacinyiwe.	5.	Phanda kwimithombo engasebenzi ngambane, xa ungekho.
6.	Cela ukusebenzela kumakhaya ezizalwane ezisenombane ngokweshedyuli.	6.	Sebenzela kwimizi enombane yezihlobo zakho.
7.	Umsebenzi wesikolo wenze kuselithuba, ungalindi imizuzu yokugqibela.	7.	Wenze kwangexesha umsebenzi wesikolo.

(Inani lamagama-52.)

(Inani lamagama-39.)

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: ULWIMI

UKUMAKISHA ICANDELO C

1. Upelo
 - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa iimpawu zobhalo zichanekile.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo, okanye zombini.

UMBUZO 3

- 3.1 Imveliso.✓ (1)
- 3.2 'The joy of writing.'✓ (1)
- 3.3 Yi-Cello.✓ (1)
- 3.4 B✓/B ukuqhatha umthengi✓/ukuqhatha umthengi.✓ (1)
- 3.5 Sisixelela ukuba inciphile ngokwesiqu✓✓/ukuba ibambeka lula xa ubhala ngayo.✓✓ (2)
- 3.6 Angangena kwiwebhusayithi i-Amazon okanye i-Cello✓/angandwendwela nakweyiphi ivenkile kwezinkulu zaseMzantsi Afrika✓/angathumela i-imeyile✓/angathenga kwiFlipkart.✓✓
[Nasiphi isibini kwezi] (2)
- 3.7 Singandenza ukuba ndinqwenele ukuyithenga le peni, kuba ichazwe ngesigama esitsala umdla esisesi; 'ibhala ntofontofo', inesiqwana esilula' ✓✓/ isilogani saso senza ukuba ndikubone kulula ukubhala ngale peni.✓✓

OKANYE

Asinakundenza ukuba ndinqwenele ukuyithenga le peni, kuba kwiinkcukacha zokufikelela kuyo akukho venkile ixeliweyo ngoko ke ilungiselelwe abantu abahlala kwiidolophu ezineevenkile ezinkulu nabasebenzisa ubuchwepheshe betekhnoloji✓✓ / kuba ixabiso layo lixhomile.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(2)
[10]

UMBUZO 4

- 4.1 Yirimowuti ye-play station.✓ (1)
- 4.2 Usinekile✓/ufinge iintshiya✓/uqinise amazinyo.✓
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 4.3 C✓/C ukothuka✓/ukothuka.✓ (1)
- 4.4 4.4.1 Kulwimi lwesiNgesi✓/kwisiNgesi✓/esiNgesi.✓
- 4.4.2 Umabonakude✓/ithivi.✓ (2)
- 4.5 Kungokuba ucinge ukuba yinkqubo yocimo lokonga umbane/kukucinywa kombane okwenza ukuba ingasebenzi.✓✓ (2)
- 4.6 Ndiyavumelana nalo, kuba indlela acaphuka ngayo uZuko xa ecinga ukuba nguwo obangela ukungasebenzi kwerimowuthi ibonisa ukuba iyabakhathaza abantu kakhulu✓✓/ kuba akabanga sacinga nto yimbi uZuko ucinge ngokucinywa kombane kwaye ude athi kuyingxaki.✓✓

OKANYE

Andivumelani nalo, kuba uZuko uyacaphuka kanti ukuba ebeqale ngokuqwalasela iplagi ngebonile ukuba impazamo ikuye.
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(2)
[10]



UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 Imibane.✓ (1)
- 5.1.2 Umntu.✓
Isilwanyana.✓ (2)
- 5.1.3 A✓/A kubantu✓/kubantu.✓ (1)
- 5.1.4 (a) isibizo esiyintloko – Umbane.✓ (1)
(b) esiyinjongosenzi – intlalo.✓ (1)
- 5.1.5 Kuphucula impilo,✓ intlalo nobomi.✓ (2)
- 5.1.6 Imfundo nayo ayiguquki.✓✓ (2)
- 5.1.7 Lona.✓ (1)
- 5.1.8 Le.✓ (1)
- 5.1.9 Loo nto yaphucula.✓ (1)
- 5.1.10 Kukubonisa ubukhulu✓/kukubonisa isandiso.✓ (1)
- 5.2 5.2.1 USipho unceda uLili ukuze akhanyise ibhalbhu yesibane.✓✓ (2)
- 5.2.2 ULili uhleli emagxeni/ kumagxa kaSipho.✓✓ (2)
- 5.2.3 Undincedile✓ ngokundinyusa.✓ (2)
- [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80